

Inombolo yefayili.: 5/1/7/4
Isalathiso: 20240223-990

ISetyhula: 0004/2024

Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kuBaphathi beeSekethe nakumaGosa akwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili

Isishwankathelo esifutshane: *Inkqubo ye-Supply Chain Management esebenza kwiimpahla neenkonzo ezinxulumene ne-Information and Communication Technology ngokweemfuno ezimiselweyo ze-State Information Technology Agency.*

ISihloko: Inkqubo ye-Supply Chain Management esebenza kwiimpahla neenkonzo ezinxulumene ne-Information and Communication Technology ngokweemfuno ezimiselweyo ze-State Information Technology Agency.

1. Le setyhula itshitshisa yaye ithathe ngokupheleleyo indawo yeSetyhula 0039/2020, yomhla we-26 Oktobha 2020.
2. Injongo yale setyhula kukwazisa onke amagosa eSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) ngenkqubo ye-Supply Chain Management (SCM) esebenza kwiimpahla neenkonzo ezinxulumene ne-Information and Communication Technology (ICT) ngokweemfuno ezimiselweyo ze-State Information Technology Agency (SITA).
3. Ngokwecandelo 238 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika (RSA), 1996, iziko likarhulumente kulo naliphi na icandelo likarhulumente linokwenza nawuphi na umsebenzi walo kunye naliphi na elinye iziko likarhulumente elinamagunya olawulo elisebenza njenge-arhente.
4. UMthetho we-SITA, ka-1998 (uMthetho 88 ka-1998), ujonge ukubonelela ngokusekwa kwenkampani eya kubonelela nge-information technology, information systems kunye neenkonzo ezinxulumene noko, okanye egameni lamasebe athatha inxaxheba yaye, ngokumalunga nezi nkonzo; inkampani inokusebenza njenge-arhente kaRhulumente woMzantsi Afrika yaye ibonelele ngeenkonzo zale miba inxulumene noku.

5. Ngokunxulumene ne-SCM, **isebe kufuneka, ngokwecandelo 7(3) loMthetho we-SITA, lithenge zonke iimpahla neenkonzelo ze-information technology ngokusebenzisa invumelwano ye-SITA.** Iimpahla ze-ICT zibhekisa kwizixhobo kunye nezinto ezisetyenziswayo, o.k.t. iikhompyutha ii-laptops, iiprinta, iikhompyutha ezizii-desktop, kunye neekhatrijhi. Ukuthengwa kweempahla neenkonzelo ngemvumelwano ne-SITA makwenziwe nabathengisi abavunyiweyo be-SITA abadweliswe kuluhlu lwezixhobo/lwezinto ezithengwayo ezichaphazelekayo.
6. Zonke iirikhwizishini zezixhobo neempahla ze-ICT kunye/okanye zeenkonzelo ezinokusetyenziswa mazihanjiswe ngokungeniswa kwe-*Requisition (LOG1)* emiselweyo namaxwebhu ahamba kunye nazo. Apha ngezantsi ziimfuno ezimiselweyo zendlela nganye yokuthengwa kweempahla neenkonzelo:
- (a) Iirikhwizishini echaza iimpahla/iinkonzelo ezifunekayo (*LOG 1*) nokuchazwa kwemveliso (*product*) (o.k.t. ibrendi nemodeli) ngokoluhlu lwemigangatho kaRhulumente weNtshona Koloni;
 - (b) Inombolo ye-*Integrated Management System* (ayinyanzelekanga – kwenzelwa ukugcinwa kweerekhodi);
 - (c) I-BAS allocation form (*PGWC 002*);
 - (d) Ukuba ingaphezulu kwe-R100 000, inkcazo engaphezulu yerikhwizishini yeempahla/yeenkonzelo ezifunekayo ngokwe-entri ye-*Procurement Plan (PP)*;
 - (e) Inombolo i-*PP line entry number*;
 - (f) Uxwebhu i-*Business case* esayinwe ligosa elikwinqanaba leSekela Mlawuli-Jikelele;
 - (g) Ukuba alukho kwi-*PP*, i-*Change Request form* esayinwe liGosa elinoKuphendula ngoKusetyenziswa kweMali (AO);
 - (h) Imemorandum/uxwebhu oluyi-*submission* oluvunyiweyo (izizathu zokuba kutheni kufuneka kuthengwe iimpahla okanye iinkonzelo); kunye
 - (i) Namaxwebhu ongezelelweyo e-*hardware*: Isicelo esivunyiweyo se-*ITOPSCOM* sonyaka-mali ochaphazelekayo.
7. Amagosa awenza iirikhwizishini (*requesters*) mawaqaphele ukuba ixesha eliqikelelweyo lokufika kweempahla lixhomekeke ekubeni iimpahla/iinkonzelo ziyafumaneka na eMzantsi Afrika. Elona xesha lincinane lokuthengwa kweempahla kwamanye amazwe ziiveki ezi-4 ukuya kwezi-6, ngokuxhomekeke ekuqinisekiseni koku ngumboneleli-nkonzo omiselweyo. Ezinye ii-ayithem kufuneka zenziwe (*manufactured*) ngabathengisi ngokwexesha elibekiweyo, ngoko ke ezi ayithem azinakufumaneka ngokukhawuleza xa zifuniwe.
8. Ngaphezu koko, izixhobo ze-ICT zixhomekeke ekubeni zithengwe kwamanye amazwe; ngoko ke, kufuneka kuthathelwe ingqalelo ixesha elithathayo inkampani eyi-*Original Equipment Manufacturer* eMzantsi Afrika lokuba ifake i-odolo phesheya, idityaniswe (*assembled*), idlule kwinkqubo yerhafu yokungeniswa kweempahla zamanye amazwe nethuba lokufika kwazo eMzantsi Afrika, emva kokuba kufezekiswe iimfuno zenkqubo yerhafu yokungeniswa kweempahla zamanye amazwe.

9. Elona xesha lincinane limisiweyo lokugqiba yonke inkqubo yokuthengwa kweempahla neenkonzco ngenkqubo ye-SITA ziintsuku ezingama-90. Oku akubandakanyi iikowuteshini zamaxabiso abhaliweyo apho iimpahla/iinkonzco ezifunekayo ezizezenkcazo yobume besixhobo (*technical nature*) okanye apho kukho imfuneko yegalelo leengcali ezinolwazi ngezixhobo. Ixesha elibekiweyo linokwahluka ngokuxhomekeke kuhlobo lwentengo/kudidi lwempahla. Ixesha elimiselweyo kuya kuboniswana ngalo yaye kuvunyelwane nabaphathi abenza lo msebenzi.
10. Onke amagosa makayithobele imiqathango yale setyhula, *eye-National Treasury Regulations and Instructions*, *i-Provincial Treasury Instructions*, *i-AO's System*, *i-SCM* kunye ne-*Financial Delegation of Powers*, ezimalunga neenkqubo zokuthengwa kweempahla neenkonzco kunye neentlawulo ukuthintela nakuphi na ukubakho kwenkcitho engagunyaziswanga, engenanzuzo, ekukudyakraza neyilahleko, enokwenzeka.
11. Iirikhwizishini zeempahla neenkonzco ze-ICT ezingafumanekiyo ngayo nayiphi na imvumelwano ye-SITA, ziya kungeniswa kwi-Centre for e-Innovation nakwi-SITA nemazinike iingcebiso ngendlela yokuthengwa kweempahla neenkonzco emayilandelwe.
12. Makwaziswe okuqulethwe yile setyhula onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2024-02-27